VAKALISA ULUVO LWAKHO

UMthetho oSayilwayo woKhuselo lwaBathengi wezeziNdlu [B 10B–2021]

IKomiti eSisigxina kwiZixhobo zokuSebenza yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema ababandakanyekayo namaqela anomdla ukuba azimase umanyelo-zimvo zoluntu ngoMthetho oSayilwayo woKhuselo lwaBathengi wezeziNdlu [B 10B–2021] oluququzelelwa njengenxalenye yoxanduva lomgaqo-siseko lweKomiti eSisigxina.

Injongo yalo Mthetho oSayilwayo kukubonelela ngokhuselo lwabathengi bezezindlu; ukubonelela ngokuqhutywa ngeBhunga loBhaliso lwaBakhi baMakhaya likaZwelonke njengeBhunga leMigqaliselo yoKwakha aMakhaya likaZwelonke; ukubonelela ngobhaliso lwabakhi bamakhaya; ukubonelela ngobhaliso lwamakhaya ukuze akhuselwe yingxowamali ye-inshorensi yamakhaya; ukubonelela ngomgqaliso wokuziphatha kwabakhi bamakhaya; ukubonelela ngokuqhuba nengxowamali ye-ishorensi yamakhaya;ukubonelela ngamabango ngakule ngxowamali; ukubonelela ngezimali zeBhunga kwanolawulo lwezo zimali; ukubonelela ngentengo kwakunye nemiba yezivumelwano ngokunxulumene nokwakhiwa kwekhaya; ukubonelela ngonyanzeliso lwalo Mthetho; ukubhangisa uMthetho waManyathelo oKhuselo lwaBathengi bezeziNdlu, 1998 (uMthetho 95 ka-1998); kwakunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Umanyelo-zimvo zoluntu lulungiselelwe ngolu hlobo lulandelayo:

UMhla	INdawo	IXesha
UMvulo, 22 Meyi 2023	IHolo iBanquet, eGeorge, iSithili seGarden Route	19:00–21:00
ULwesihlanu, 26 Meyi 2023	IHolo yeDolophu, eCaledon, iSithili se-Overberg	19:00–21:00
ULwesihlanu, 2 Juni 2023	IHolo yoLuntu yakwaMandlenkosi, eBhobhofolo, iSithili soMbindi Karoo	19:00–21:00
ULwesithathu, 7 Juni 2023	EDial Rock, eSaldanha Bay, ISithili soNxweme leNtshona	19:00–21:00
UMvulo, 12 Juni 2023	IZiko leeNkomfa iNekkies, eVostile, iSithili seCape Winelands	19:00–21:00
ULwesithathu, 21 Juni 2023	IPalamente yePhondo leNtshona Koloni, eKapa	19:00–21:00

Abantu nemibutho enomdla iyakhuthazwa ukuba izimase kwaye ithabathe inxaxheba kumanyelo-zimvo zoluntu ize iphinde ingenise uluvo olubhaliweyo ngoMthetho oSayilwayo kwiKomiti eSisigxina kwiZixhobo zokuSebenza ukuze luqwalaselwe. Kuphela luluvo ngomxholo woMthetho oSayilwayo oluza kuqwalaselwa.

Nceda ungenise iintetho ngoMthetho oSayilwayo kuNksz Shumeeze Jones, iGosa leMigaqo yeeNkqubo, mhlawumbi nge-imeyile (sjones@wcpp.gov.za) okanye ngenqaku lelizwi kuWhatsApp (inombolo yomnxeba ophathwayo: (068 062 5876). Amangenelo makafike kwiKomiti eSisigxina kwiZixhobo zokuSebenza phambi okanye ngoMvulo, 12 Juni 2023 ngeye-12:00. Nceda ubonakalise ukuba ingaba intetho yomlomo ngentetho ebhaliweyo iza kwenziwa.

Ulwazi oluthe vetshe kwakunye nobume obukwizixhobo zekhompyutha boMthetho oSayilwayo ziza kupapashwa kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (www.wcpp.gov.za). Iikopi zoMthetho oSayilwayo ziza kuthunyelwa kubantu abanomdla xa ziceliwe.

Sikhutshwe nguNksz LM Maseko (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kwiZixhobo zokuSebenza.